# UMSEBENZI OZA KUQALISA KWIIDEPO ZEMYCITI ZASEKHAYELITSHA NASEMITCHELLS PLAIN

**Umsebenzi uza kuqaliswa ngeyeThupha (Agasti) 2022 kwiziko elineedepo ezimbini zebhasi ukulungiselela isigaba esilandelayo senkonzo zeMyCiTi, esibizwa ngokuba siSigaba 2A.**

Esi siza sizihektare eziyi15 siza kuba ngundoqo ngokujoliswe kwimisebenzi yeSigaba 2A seMyCiTi, esidibanisa amawakawaka abakhweli abavela eKhayelitsha naseMitchells Plain kunye nezithuthi zikawonkewonke ezikhuselekileyo, ezithembekileyo, ezihamba ngqo kwenye yezona ndawo zixakekileyo zezothutho eziya eClaremont naseWynberg.

Eli ziko lime kufutshane nekona yeSpine Road neMew Way liza kuba neCCTV kunye nendawo yokungena elawulwa zezokhuseleko kuzo zombini iindlela kwaye liya kusebenza njengesiseko kwiinkampani ezisebenza ngeenkonzo zeSigaba 2A zeMyCiTi.

Iidepo ziza kusetyenziselwa ukupaka, ukulungisa, ukuhlamba kunye nokuthumela iibhasi xa kuyimfuneko, ekuqaleni ziza kuthatha iibhasi ezingama290 kunye nezinye ezininzi njengoko iibhasi zakwaMyCiTi isanda kwisixeko sonke. Zikwabandakanya ii-ofisi zolawulo, amagumbi entlanganiso kunye nendawo yoqeqesho, kunye noluhlu lwezibonelelo zabasebenzi nabaqhubi.

Esi siza esiphantsi kweSixeko sibekwe ngobuchule kufutshane neendlela ezicwangcisiweyo ukunciphisa iindleko zokusebenza kunye nokujongana nohambo kwangentseni.

Ezi depo zaphunyezwa emva kokuthethana noluntu ngo2021 kwaye umsebenzi wokulungiselela oku wagqitywa, uvula indlela yokuqaliswa kolwakhiwo ukususela kweyeThupha (Agasti) 2022 ukuya kweyoKwindla (Matshi) 2025.

Le projekthi ixhaswa ngemali sisibonelelo soncedo sikarhulumente waseDutch kwaye iza kudala amathuba emisebenzi yethutyana, amathuba oshishino lwasekhaya, kunye nemisebenzi esisigxina emva kokuba iinkonzo ziqalile.

Iindaba ezimnandi kubasebenzisi bendlela zezokuba akukho kuphazamiseka kumandla kulindelekileyo kwizithuthi ezihamba kwindawo ekusetyenzwa kuyo.

## Fumana iinkcukacha ezithe vetshe

Zibandakanye nathi ngosuku lokunika ulwazi kuluntu kwindawo ekufutshane nawe ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe malunga nale projekthi.

Indawo IZiko loLuntu laseTafelsig, 3 Olifantshoek Street, Tafelsig
Umhla: NgoLwesine, 11 eyeThupha (Agasti) 2022
Ixesha: 14:00 - 19:00

Indawo: Khayelitsha Resource Centre, Makabeni Road, Khayelitsha
Umhla: NgoLwesine, 11 eyeThupha (Agasti) 2022
Ixesha 14:00 - 19:00

## Bhalisela ulwazi oluthe vetshe

Ukufumana iinkcukacha ezingezinye ngeSigaba 2A kunye nokubhalisela ukufumana iingxelo zenkqubela, ndwendwela kuwww.myciti.org.za/phase2a

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.